



Isalathiso: 20210121-591
Inombolo yefayili: 12/2/2/P
Imibuzo: KuBalawuli beKharithyulam ye-FET ne-GET

INgcaciso eMfutshane yeKharithyulam noLawulo loVavanyo: 0001/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharithyulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNqununu, nakwiiNtloko zawo onke amaziko emfundo

Isihloko: Ukukhutshwa kwe-Recovery Annual Teaching Plans zekharithyulam zango-2021

1. ISebe leMfundo esiSiseko likaZwelonke (DBE) likhuphe **iSetyhula S13 ka-2020** nge-11 Disemba 2020. Le setyhula kazwelonke yakhupha i-Recovery Annual Teaching Plans (Recovery ATPs) emaziphunyezwe kumaBakala 1 ukuya ku-12 ngo-2021.
2. ISetyhula S13 yango-2020 itshitshisa yaye ithathe indawo yeSetyhula S2 ka-2020, eyayiqulethe ii-ATPs ezihlaziyiweyo nezilungelelanisiweyo (*revised and trimmed ATPs*) ukulungiselela ukuphunyezwa kwazo ngo-2020, neSetyhula S3 ka-2020, eyayiqulethe izikhokelo ezenzelwe ukuphunyezwa kwee-ATPs zika-2020. Omabini la maxwebhu ngawomhla we-09 Julayi 2020.
3. ISebe leMfundo leNtshona Koloni likhuphe iNgcaciso eMfutshane yeKharithyulam noLawulo loVavanyo 0010/2020 (**isiHlomelo A**), yomhla we-15 Disemba 2020, ukwenzela ukucacisa iSetyhula S13/2020 yeSebe i-DBE.
4. Emva kokukhutshwa kweNgcaciso eMfutshane yeKharithyulam noLawulo loVavanyo 0010/2020, iSebe i-DBE likhuphe iSetyhula S13/2020 ehlaziyiweyo (**isiHlomelo B**).
5. Izilungiso zazenziwe **kumhlathi 6g. weSetyhula S13 ka-2020** ukulungisa ukungafakwa kwamaBakala 10 no-11 kumzekelo onikiweyo. Umhlathi 6g. ngaphambili ubufundeka ngolu hlobo:
"Izilungiso ezifakelwe kwiimfuno zovavanyo ukunika ixesha elongezelelweyo lokufunda okunentsingiselo nokwendeleyo umz. iimviwo zangoJuni kumaBakala 4-9 zitshintshwe ngoviwo i-controlled test yaye kwimeko yeBakala 12, iimviwo zangoJuni zisusiwe njengenxalenye yeprogram yovavanyo olumiselweyo."

Lo mhlathi ungasentla utshintshwe ngalo mhlathi ulandelayo:

“Izilungiso ezifakelwe kwiimfuno zovavanyo ukunika ixesha elongezelelweyo lokufunda okunentsingiselo nokwendeleyo umz. iimviwo zangoJuni kumaBakala 4–11 zitshintshwe ngoviwo oluyi-*controlled test* yaye kwimeko yeBakala 12, iimviwo zangoJuni zisusiwe njengenxalenye yeprogram yovavanyo olumiselweyo.”

6. Ii-Recovery ATPs zazo zonke izifundo namabakala ziyafumaneka kwiziko lewebhu leSebe i-DBE: <https://www.education.gov.za/2021ATPs.aspx> .
7. Iyathakazelelwa inkxaso yenu yokuqinisekisa ukuphunyezwa ngokuyimpumelelo kwee-Recovery ATPs.
8. Kucelwa iinqununu ukuba zazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kubo bonke ootitshala yaye ziqinisekise ukuba bonke ootitshala bayaya kwiiseshoni zeengxoxo nengcaciso.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO

UMHLA: 2021-01-26